basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESITHATHU (P3)

## FEBRUWARI/MATSHI 2017

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha ama-6.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE KWICANDELO ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-80
   ICANDELO B: Imizuzu engama-40
   ICANDELO C: Imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Umntu odlale indima enkulu ebomini bam. **[50]**

1.2 Izinto esinokuzifunda kwindalo. **[50]**

1.3 Amaxesha onyaka. **[50]**

1.4 Iitshomi. **[50]**

1.5 Loo mini ndaziva nam ndiliqhawe. **[50]**

1.6 Xa iziyobisi zinokuyekwa ukuthengiswa. **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1



[Uthatyathwe ku-www.google.images.co.za] **[50]**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umakazi wakho ileta umbalisele ngokuphumelela kwebali lakho ubulibhalele i*Drum* magazini. **[30]**

2.2 **IOBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari yomfundisi webandla omaziyo. **[30]**

2.3 **IAJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Bhala iajenda nemizuzu yentlanganiso yabahlali emalunga nokusetyenziswa kwelayibri yengingqi yakho. **[30]**

2.4 **INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho ebheka kubemi bendawo ohlala kuyo malunga nokulahlwa kwenkunkuma ngakumlambo okufutshane nawe. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **IFLAYA**


Bhala iflaya yokwazisa ngomboniso weempahla zomyili ophambili kwingingqi yakho. **[20]**

3.2 **UNGENISO KWIDAYARI**

Bhala ungeniso kwidayari lweveki yotyelelo lwakho kwiYunivesithi oza kufunda kuyo kunyaka olandelayo. **[20]**

3.3 **IZALATHISI**

Bhala izalathisi zokukhombisa umntu osuka eMoana Pool indlela eya eCount Down Supermarket .




[Ithathwe ku-www.googleimages.co.za yaze yahlelwa] **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**